

Imvo

Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JULY 4, 1889.

[No. 242

John J. Irvine & Co.

KING WILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s

IBHATYI ,, ,, —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d

I-Bhulukwe ,, ,, —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s

Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, is 3d, is 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s 6

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi

Izitofu ezibugqi—6d, 7d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

u-ALUVENI.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E GRAHAMSTOWN.

Saneke ltyali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 31- inye. Ikaliko

Emhlope ne Brown, iqala 2d.

Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4(1d Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d, 4% d., ne 6d. yd.

Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye.

Iblanket zoboya ziqala 5.1- inye.

Amabhayi 21- Elinye ; i Cotton Sheets 1,6 inye

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.

IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.

IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 1d. inye.

IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.

ISUTI Emhlalayo umfana ifishini entsha, 21s. IHEMPE, 1s. inye.

kutenga apa ngokvalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (1), uyakubuyela ayinikwe isheleni ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMS TOWN

GEO. B CHRISTIAN & CO

KING WILLIAMS TOWN.

PLOUGHS!

[19, 55, and 75.1

Plough Beams, Handles, Shares, Bolts, Wheels, etc.

IRON POTS, with long legs.;

RED OCHRE

CORRECT SHADE.

COFFEE, TEA, SUGAR, RICE, etc.

ABAZELWEYO.

KEBE.—E Katikati, ngomhla we 14 June, 1889, inkosikazi ka Mr. JOHN P. KEBE, ibeleke Unyana.

ABABHUBHILEYO.

MAHLUTSHANA.—U CALEB MAHLUTSHANA, unyana omkulu ka Rev. CHARLES MAHLUTSHANA. uhubhele kuza Matole, ngo May 27, 1889. Zonke izihlobo maZarukele lowo mbiko.

LANDELLA.—U ELIZA LANDELLA, intombazana ka ISAAC no SARAH LANDELLA, ibhubhe nge Cawa, 9 June, 1889 ; yayizelwe ego November 10, 1885.

SOMNGESI.—Ngomhla we 17th June' 1889, kubhubhe u ELISINA SOMNGESI e Rini. obudala bake, 15 years. Abahlobo mabatukele lowo mbiko. Izihlobo zomfikazi zibulela umsebenzi owenziwe ngu Mr. J. B. Magwaca ngexesha lobunzima.

ISIKULA SE NTOMBI.

SASE Ncmera (Shaftesbury Home) sivalwe nge 19 JUNE. Sobuya siwuqale kwakona umsebenzi ngo JULY 25. u Miss Sturrock ulindele ukuba zonke intombazana ziwuqale kunye umsebenzi wazo ngolo suku.

Bonisani Madoda.

IHASHE eli bomvu lilahleka emntwini e Qonce, emagqubeni. Litiwe cipu indlebe yokohlo, upawana ngase mva; line nxeba pezu komkono wokohlo, nokudumbana pezu kopupu lomkono wokohlo, ne ntumpa ngapakati komlenze wokohlo. Olifumeneyo eli hashe malise ku Mr. Editor, we Mvo, e Qonce, mhlaumbi ku Nkani, e Toleni, pesheya kwe nciba ; londoda youfumana umvuzo wayo.

KUFUNWA.

U TEACHER olitolwa indoda enofifi nge solfa, £7 10s. kunye ne school fees nge kota, indawo yokuhlala woyifumana ze. Awuqale umsebenzi wake ngo July 17, 1889. Oyiifunayo indawo le wobhalela, atumele amapepa ake esimilo, ku Rev. SAMUEL SIHUNU, Caledon Street, Uitenhage.

Umenzi Wezihlangu.

Mna ogama lingasezantsi ndiya zisa kubo bonke, abakufupi nale Dolopi okokuba ndingumenzi we Zihlangu ndaye ndingabizi kakulu ngoku lungiselela amaxesha, umsebenzi ndiwenza ngokukawuleza nange nyameko kunye yonke into esakuba itenjelwe kum,

J. P. MANYISANE, Shoemaker.

Barkly East, 31 May, 1889.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Zika MAY.

I ROSES

Lixa

IMITI EBEHLE IVUTWE

ekuzi

I-STRAWBERRIES

milisola.

Oluka Uluhlu lwe Koses, 1889

Uluhlu lwemiti Yeziqama,

GOWIE Idiliya amanye amatyolwana aneziqamo, 1889.

Zitunyelwa zingenandleko kofunayo.

Elona xesha lokatyala

ETSWELE ELEKULU

NE

Ertyis

KWA

W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

Omanyano nge Mfundo.

[N. E. A.]

NGOLWESI-BINI lweveki ezayo, July 9 ngexesha le 11 kusasa, yi Ntlanganiso Yomnyaka yo Manyano nge Mfundo Emgqakwebe ka Mdingi. U Miss Ellie Meyile nya kulesa ipepa nge "Mpilo Yomzimba" (The Health of the Body), Bays kulesa amapepa no Messrs. D. Bolan, A. H. Maci, Aaron Mali no Miss Figilan.

BEN. SAKUBA,

Hon Secretary.

King Williams Town, July 3, 1889.

UBUSIKA 1889.

BAKER, BAKER & Co.

Baneke impahla yabo eninzi, intsha ye ngubo ze ndidi zonke.

Kauze kubona IBHATYI ezi NKULU

Kauze kubona I-SUTI

Kauze kubona I-BLANKETE

IHEMPE, IMINQWAZI, IZIHLANGU,

NJALO, NJALO.

Azizanga zibeko ezinjalo ubutshipu

zihleli zifika.

BAKER, BAKER & CO.

EQONCE.

DYER no DYER,

EQONCE

BASAND'UKUFAMANA ngenqanawa ezisand'ukuvela

kwelipesheya kolwandle, impahla eninzi ukongezelela kwimpahla yabo kakade, baneke ngoku:—

IMPAHLA YAMADODA,

Isuti ze zitofu —

Ibhatyi, Indulubhatyi, Ibhulukwe—16s. 6d.

Isuti zama kwenkwe—4s. 6d., 5s.;

Indulubhatyi zamadoda zezitofu ziqala, kwi 2s. 6d.

Ihempe zokusebenza—1s. 3d., 1s. 6d.

Iminqwazi yezitofu, Is. Etambileyo, 1s. 3d.

Ibhulukwe zezitofu—3s., 4s.

Isuti Zokutshata.

Isuti Zobufundisi.

Izihlangu zentlobozonke, njalo-njalo.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawini nakwisitalato esipambi

kwe ofisi ngase mcantcatweni.

IZAZISO NGE “MVO.”

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlaulela ‘IMVO ZABANTSUNDU’ ukuba intlaulo:— Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyangayokuqala..... 3s. Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyale nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

E DAYIMANI indoda engu John Ward yedye komnye wemingxuma enamanzi atshisayo apuma ezi injinini ezisebenzayo ziwa kupela kona, yanyulwa kanti seyiqigibele ukatsha, xa kwangobo busuku.

ITOLA esebulorweni yase Nciba ibulewe yi Palamente, kwanyase Gqili e Alvani.

ABESUTU abasixenxe ababe gwetyelwe ukuxhonwva e Kokstad ngokubulala abahambi abata, katiweyi Ruluneli mabasiwe esiqitini mnyaka elishumi.

IMPI ka Valelo ingene ku Macwera ka Siyoyo ku’, enyanga ifileyo yatimbu 50 enkomo, amahashe amahlanu, na 70 gusha, aseleyikupa ama Cwera, zaila. Kugalele eka Mdedelwa impi kweka Valelo xa ibambene shushu, ajika ama Cwera, kwasala amadoda asibozo ; kweka Valelo kwafa mutatu, ingxwelera zako macala omabini.

KUMBULO obufakwe ngu Colonel Griffith e Palamente ute u Sir G. Sprigg ukupendula, u Rulumente akanamoya wokuyicela le Palamente ukuba yenze itayitile zobuzwe kwiziqingata ekwa Centane, Willowvale, ne Dutuya ezifana ne tayitile eyanikwa Amamfengu ngu Sir Henry Barkly ngomnyaka we 1871.

MALI ekulayishwa ngayo ukusuka e Alvani ukuya kwezindawo: Johannesburg 11/; Pretoria 12/; Lady Brand 3/6 to 4/; Wepener 1/9 ; Rouxville 1/; Bloemfontein 4/; Smithfield 1/6 ; Heilbron 9/; Winburg 4/; Bushman’a Kop 1/6; Senekal 4/6; Lady Grey 1/ ; Clocolan 3/6 to 4/; Herschel 9d to 1/; Maseru 3/ to 3/6 ; Fickaburg 4/6 ngekuLu.

KWIVEKI ezintatu eziziqitileyo kufike e Natal inenzana lase Ngilani, lizakutshata nendoda eyalifilisha ngokubona umfanekiso Abizwa amagama, iyatengela ilwaki yokutshata, satengwa isonka somshato, Ilwamiswa nosuku lokutshata Suka ngobusuku be Cawa shwaka umfana, washiywa ipeshana etafilini elithi “ndisinga e B(ella)ir/hakubha.” Nanamhla.

U NKANUNU SCHURMBRUCKER ute e Palamente u Rulumente uzilungiselele ukwaka ibuloro e Xesi ezibukweni lendlela chamba ngayo i Posi ukuya e Rini, kuba ingati yenziwe ku Nqobokazi itye imali eninzi kakulu. Ite Ipalamente make isikwe ku Nqobokazi kukungelwe indleko eyakuyenza.

U MR. WARREN ungenise e Palamente umtandazo ka Mr. William Ntsikana nomnye wase Perie, batandazela ukuba iziqibeli ebugatengiswayo kuzo utywala zandiswe nokuba u Rulumente enze amaceko okubutintela kwabantsundu.

ABANTU abuvela emsebenzini e Kimberley bayapela kupangwa, ngeveki egqitileyo kubanjwe abelungu abahlanu e Free State ngokupanga abantu abamnyama endleleni.

U MR S. B. SHAW ititshala endala yase Salem kuse selefile ehoteleni yase Rini ubesiya e Kapa entlanganisweni yotitshala Ubengabikwa nto.

UKUSITWA kwelanga situnzi senyanga eyekuoyatela endleleni yalo ngentsasa yolwesi-Hlanu olugqitileyo, kubutisile abaninsi kumawetu.

EKUWUKOXISENI kwake umteto omtsha we Pasi u Sir G. Sprigg ute isizatu ku. kuba u Mr. Di Vet owungenisileyo esifa engenakuzwa e Palamente’

ISILIVERE ebhawe ecaleni lomzi wase Greytown, incoonywa ubuninzi ngabemi bayo.

NGEVEKI egqitileyo abemahlanu amatyala ababulali e Johannesburg, bobahlanu abo bafileyo ngabantu abantsundu.

INGXOXO nge rafa ye khepekhepe ingene kwele ngwevu ibandla le Palamente akwabiko nalinye ixego elivula umlomo woku. yimela, avuma onke ukuya mayife. Seku, kutshwe isaziso sokuba lonyaka awukuba. sabhatalelwa, kodwa abanamatyala amadala basamelwe kuwahlaula.

U COLONEL GRIFFITH ungenise e Bandla icebo lokuba kwakwiwe i Buloro e Mbashe, asaxoxwa.

ABAFU baka Price bate gaxa pezu ko gqoloma e Barkly East bezingela impangele Bayidubule izikoti zalishumi leyo nyoka alwangenwa uhlwaya lwentaka babaleka bayishiya.

ABESUTU baro-ela ekaya bayawushiya umsebenzi koma Kimberley. Iyawa yindyobe ke,

AMAXENE atile ayekucela u Rulumente wase Transvaal ukuba alintelele isiko loku. sebena nge-Cawa emingxuneni ye Golide yase Johannesburg. Ute ukupendula uyakulinga kodwa ufuna ukuzikhutaza ngako konke i Komponi ezimbayo.

KOMNYE umzi wabantu abamnyama e Nxuba kufike umhambi ebonakala ukuba unxilile. Unikwe indawo walala. Ute kanti ubekwe esililim somninindlu kwati xa kulalwayo wapakaniswa esiwa kwenye indawo, usuke warola ibhoso wamhlaba amaxeba atnabini amabi umninindlu, wapuma wahamba. Ubanjwe wasiwa entolongweni apo alindiselwe Ijaji.

UMZI wase Qonce uyapela nga Matepile, akuko sicalata ungemboniyo umntu one libhni.

YINYANGA yokuqala le ye Kwata, ekufuneka bengene ngayo abaqalayo ukuyitabata *Imvo*, ukuzo bakwazi ukuwagcina amaxesha abo okubhatala.

SOLOKO kute kwavunwa, utywala bama. zimba babuninzi ezilalini ubuxila abunga. ngoko bebungako ezidolopini.

NGATI eli asiloxa lokudlala ibhola, asazi ukuba indlali sakowetu ziyikangele njanina zona lonto.

INGOZI yolomlo ayiqeleki. Kuhle isiyongoyongo esilutsi ngo.Mvulo, kulo Mgqwa. kwebe use zantsi. Intwana ezucinane zabantwana bezizodwa endlini, yati enye xa ivula idakiso le mbiza wati lenye umlilo ezingutyeni. Bafike abantu abancimileyo seletshe wonke umngapambili kwada kwase busweni akabona nangamchelo.

AMA Portuguese amhlute ngamandla uloliwe wa Mangesi ose Delagoa Bay. U Rulumente wa Mangesi sele tumele inqanawa ezintatu ze mfazwe ukuba ziye kukhusela umalungelo ake kwelozwe. Elipantsi, kuvakala ukuba ama Portuguese ahlange na Mahbulu ukutshitshisa Amangesi apa e South Africa.

EPALAMENTE , ngobusuku bolwesi-Hlanu olugqitileyo kuqubene u Mr. Sauer no Sir T. Uington engxoxweni yokungarafiswa kwempahla eya e Free State, wati u Mr. Sauer u Sir T. Uington ngumlahlekisi we Bandla. Omnye ubhelele ku Mhlali. Ngapambili wati utukwiwe, ute U Mhlali. Ngapambili ku Mr. Sauer makayiroxise lontoto. Kute emva kokuba begibesilene ngamazwi amafutshane arabaxa wayi roxisa.

NGOMHLA wa 31 ku July, yintengiso ye miduka ese Sikiti sase Ngcoobo, e Maqwatini.

KUBATABATI be *Mvo* ababhatala ekuqaleni kwe kwata, yiyo le ke inyanga yokubhatala. Yoti isakupela kungene isikisipeni.

NGOLWESI-TATU olugqitileyo inkosi zase Mampondweni angeneni u Nqwiliso no Gwadiso, besidibene Emntata ukuba zivisane ngezipitipiti ezingawuni kupela pakati kwazo. ’

INQWELO ebinempahla ka Rulumente isuka Emntata, ite xa ingase Gungululu ayipanga Amampondo impahla ezitweleyo.

AMAGQIRA ate makake ashenxe e Kapa u Mr. De Wet Umpatiswa-Micimbi-Yaba. ntsundu ingenxa yokugula kwake.

IZIHOBO zika Rev. A. Kroof ziyakuvuya ukunwa ukuba unikwe iwonga lokuba yi Doctor of Divinity, libotwe lemfundo lase Berlin, ngenxa yokusebenza kwake ekugquleni e Bhabhile yesi Xhosa, noko. ngamela ukushicilelwa kwayo pesheya. Siyavyuisana no Dr. Kroof.

ABATUNYWA be Pasi sibalindele ukufika emakaya namhlanje ukubuya e Kapa.

ICEBO lokufuduswa kwabantsundu e Glen Grey ebelingeniswe e Palamente ngu Mr. Joubert lixoxwe ngobusuku bolwesi-Bini olugqitileyo. U Sir Gordon Sprigg ulichase ngomoya oshushu, wati lonto yokumana kufuduswa abantu abantsundu iyakudala imfazwe isipelo sayo. Anyanzela ama Bhulu, kwada kwahlulelwana, abati mabafuduswe ba 24; abangavumiyi 35, oyiiswa Amabhulu. Yitsho “Gxalek! emveni!, nyana womfundisi, myeni wakwa mfundisi!”

Imvi Zabantsundu.

NGOLWESI-NE, JULY 4. 1889.

U LO YI SO.

IPASI Entsha iroxisiwe e Bandla. Ludaba olo olwamkelwa ngembulelo enkulu ngumzi wonke ontsundu, kuba le Pasi ibe iwuqubule umzi awabi nalo nexesha lokuba udibane wonke. Kodwa indawo ezibe nako ukuhlangana zisebenze ngobukalipa bobudoda, lwavakala uluvo lomzi ukuba lunye ngale Pasi Intsha. Asisokucalucalula zindawo ukuti ezitile zisebenzile ezitile zilele, kuba seyipilele yonke inkatazo. Isimbonono sengcingo nencwadi zamawetu ndawonye neza bamhlope akabanga nakusinyamezela u Rulumente.

Ngxatsho ke ntzokawetu, into entle yile niyenzileyo yokuti kwakuhlathywa umkosi awe kuzo amadoda angayi lindi impi ukuba mayide ize kungena ekaya.

Siyambulela no Rulumente ote nakubeni bekubonakala ukuba uzi-

misele ukuwenza loMteto, wati akuboniswa ubukoboka ne nkatazo eya kudalwa nguwo weva wawuroxisa.

Siyawubulela wonke umzi omhlope osuke wema ngazo zombini ukukalimela ukubulawa kwe mfanelo nentlalo ntle yabantsundu.

Asisoze siyeke ukubabulela abahlobo bohlanga abase Palamente, abayilwa lento kwamhlana yati gqi ukuvela kulo nkundla Sitshe kwelo gchudwana linga 25 elinga zange lihendwe zinteto ezibusu xa zizezezinga —cloqelana elite nakuba lingako lema emipini yalo, alaxelisa abanye abate bakubona lowa mkosi ungapaya umkulu bayilahlah imipu yabo baya kungena kona.

Siyawubulela amadoda akowetu anga Batunywa o Rev. E. MAKIWANE, Messrs. ISAAC WAUCHOPE no J. TENGO-JABAVU, ate enengxakeko zawo ezinkulu azishiya ngenxa yohlanga Iwakowawo. Anisokubhatalwa lulo ntzokawetu, novuzwa ngu Yise walo.

Namhla uloyiso lusisi tsa semizamo eyenziwe ngemvisiawano.

Ngekwabana nje nango Tung’umloso ukuba uluvo lomzi lwalulunywe. Kodwa wati ngenxa yokurutana kwawo wdwa; ngokusuke uqekeke pakati, i Ruluneli le imkileyo u Sir HERCULES ROBINSON yatumela ku Rulumente we Nkosazana ukuti lo mteto awuna ngozi. Namhla ingozi oyenzileyo ibonwa nangose beleni kuba lawa 45 ebesiti e Palamente mawumiselwe lo mteto ixalenye yawo ngeyi ngazange iyibone lo nkundla ukuba umzi ontsundu wawusebenze ngokuvana. Nakule into besekulo abapongomileyo kumawetu. Lento ililishwa, ukuba ayikangelwa ngumzi isaya ! kudala ingozi ezininzi ekuya kuzalwa ngati nasizizukulwana esizayo.

OMNYE UMTETO OMTSHA

URULUMENTE unomnye umteto awungenise e Bandu, wokupatwa kwaziqingata ngama Gqugula ekutiwa zi Divisional Councils. Lamagqugula ebhleli eko kade, ngawo la abiza irafu zehleli, ngawo la abiza irafu yezinja. Ngoku Lamagqugula anikwa igunya lokulaula imfundo kwiziqingata zawo, anikwa namanye amagunya, namandla abengenawo ngapambili.

Amalungu ala Magqugula ebenyulwa ngabavoti bonke abamhlope nabantsundu ; ngoku iguqulwe lonto, abavoti be Palamente abanalungelo lokuba ngabavoti ba Magqugula eziqingata. Kubavoti bama lungu Amagqugula eziqingata linyusiwe ixabiso elenza ukuba umntu abe nemfanelo. Ukuzwe umntu abe ngumvoti makabe nomhlaba nokuba yindlu exabiso lingamashumi (E75) asixenxe aneponti ezintlanu. Yenziwa ngabom ke lonto, kuyaziwa ukuba abantu abantsundu abanamihlaba nazindlu zilelo xabiso, nabanazo banibalwa. Ngabelungu abanamaxabiso angako, ngoko ke kubonakala ukuba ayakunyulwa ngabo bodwa amalungu ala Magqugula eziqingata. Umzi ubungekawapapeli la Magqugula, ute ukuqala ukungati uzakushukuma kwafakwa irafu yezinja. Nakuyo awenzanga nto kuba awulitabatanga icebo lokuba wonke ubhale imitandazo yokuyichasa lerafu.

Namhla ke la Magqugula eza kunyulwa ngabamhlope bodwa nje azakusebenza rabaxa kuba selelve ukuba abantu abamnyama abayivumi irafu yezinja. Olo lurabaxo ke ayakulwenza kungaseko temba lokuba angatshintshwa amalungu lawo kufakwe alungileyo kuba ilizwi lomntu omnyama alisokupulwapulwa ngenxa yokuba akanguye umvoti into enlungelo lokuzipendulela. Ukuba lomteto awuqondwa ikwangomnye Utung’umloso kungokuba uziswa ngesinqe ifihliwe intloko yake ukuba angaqondwa.

Xa umntu ontsundu selevallele ngapandle kwelungelo lokupendula akunyukutya, akucinezela ngabapati siqingata, sekulula nase Palamente ukuba kuvele ilungu liti leya miteto yeziqingata mayitatwe yenziwe eye Palamente, ibe iyapela into ebetiswa, atungwe umloso ngonapakade umntu ontsundu. Lomteto ke, akufuneki ukuba ude umile ingca, kufuneka uchasise usemtsha nje zintlanganiso zemizi ngemizi ontsundu.

INGCINGO.

[ZIVELA KU BATUNYWA]

Ekapa, June 26, 1889.

Umteto wokubulala Irafa ye Khepekhepe! ngqityiwe, kwa no Mteto wokubulala itola ' yase Nciba ngqityiwe li Bandla elingapantsi ngapandle kwe nchaso. Inyatelo elilandelayo ngo Mteto we Pasi ushenxisiwe emva awamiselwa lusuku. Inteto eninzi epuma kuma gumbi akomkulu iti lo Mteto uya kulahlwa. Abatunywa banelisiwe zintlanganiso abaxe nazo no Rulumente kwana malungu abe wubhala lo mteto. Abatunywa bamkelwe kakuhle ngawo onke amaqela. Ukufuduswa kwa Bantsundu i base Glen Grey ukungeniswe ngu Joubert i kuya kuqwalaselwa ngolwesi Ne Iwe vekii ezayo

E Kapa, June 27. 1889;

Umteto omtsha we Pasi uroxisiwe emva kwe dinala namhlanje.

I Herschel ne Pasi.

[NGU ISAIAH B. MBELLE.]

Ngomhla wa 21 ku June. 1889, izizwe zahlanganisana e Bamboos Spruit, [kuse Luqalo ke apo.—Ed. kwa Kleinbooy. Umgcini-Sihlalo u Mr. Joel Gundwana, wachaza ubungqongqo bale Pasi, wayivumela itlanganiso okokuba IXOXE. U Mr. Assegai Mbuli ubonise okokuba le pasi unyuyiwe kuyakufuneka itatwe nge mali. Amanye amanene ateyato ngo Nkosi Mhlohlakulu, Captain Torn Manxeba, Mr. Hofmeyer, Mr. Rwayi-Rwayi, nabanye. Intlanganiso igqibe kwelokuba kubetwe ucingo luyke ko Messrs. Sauer and Ormond, abameli be Herschel, bachase i Pasi. Yakuqunjelwa kakuhle intlanganiso emnandi. Silubetlele ucingo nge 24th inst.

I TEA-MEETING.

[NGU M'BHALELI WETU.]

Jansenville, 11th June, 1889,

Ngobusuku bo-Mvulo ngomhla we shumi ku June, bekuko i tea-meeting j e Jansenville, ingenele endlini ye Cawa i yase Westle, ibe yenzelwelwe ukuba kufuzwe

ITYALA LENDLU YE-CAWA.

Kwiminyaka emlambini edlulelwe ama Wesile alunge kulomandla azimisela ukwaka indlu ye Cawa. Okunene ayaka ada ayizigqiba. Igqityiwe kubonakale indlu le isetyaleni nganashumi asixenxe i eponti, abati bamana ukulincipisa kwada kwasala i f5. 4s.5, kupela. Ke le tea-meeting ibe yenzelwe ukufaza lemali ibesilityala. Babebaninzi, bezintlanga ngentlanga.

ABANTU ABEBEKO.

Bekuko u Rev. D. Msikinya no Rev. James Van Rooyen wase Dipende, abebetike ngomhla wa 7 apa e Jansenville. Ngapandle kwabantsundu kwakoko neqela elinobom lama Bhulu alomzana wase Jansenville. Ekubeni i rufuwe intlanganiso le ye tea-meeting u Rev. D. Msikinya, ukankanye u Rev. James Van Rooyen kwintlanganiso ukufaneleka ukuba atate isihlalo ngobusukho emva koku usele u Rev. Van Rooyen ukuba eze ngapambili abe ngu

MGCINI-SIHLALO.

Uze ngapambili u Mr. Van Rooyen waza , wati pambi kokuba ahlate wenza intshayelelo emnandi ebonisa ukuba kuhle nokufaneleka kokuvana kwe ramente nabafundisi nazo, nokuba ukuvana oku ngamandla. Waza wenza amazwi amnandi exela ubuhlobo obudlala anabo nomfundisi wale ramente, etshilo udullele.—

KUMALUNGISELELO E TEA-MEETING.

Kumalungiselelo ayenziwe vave iyi tea nomculo we choirs ezimbini evama Wesile neyase Ndiipende. Evama Wesile yayipetwe ngu Mr. Ndubela eyase Ndiipende ipetwe yindodana yelo bandla. Kuaqalwe nge ukumtya ze tea namapetelo ezonkana. bate rwarwarwaba baqigiba, waqala Umgcini-Sihlalo ukumana ebiza ozi choirs ukuba zivume, okunene zivume zatsho ngento emnandi kunene yati lentlango yase Kalo ene nolosha kunene, sabona ukuba Oza kuba nokwakala nayo ngento zokukanya, solo ze choir ka Mr. Ndubela zibe mnandi kanye kwaza kwagqibelela ukuba myoli ukupulapula u Mr. Petros kwi solo yake. Igqityiwe imvumo bapinde kwase tea ni nentwana zama petelo kwatiwa wahlawahlu ngamagalelo ambalwa zabekwa pantsi intonga kwapulapulwa

ABATELI.

Kutete u Mr. Sotlani kuqala, otsho kamnandi ngamazwi entkazo kwinqubelo pambili; kwaza kwalandela u Mr. K. Mapella, naye utete kamnandi nokukodwa akuti: “ Kulungile ukuba abamhlope, Amabhulu, angabulalisi ngezandla kuba noko kungaba Oza kuba nokwakala nayo ngento zokukanya, solo ze choir ka Mr. Ndubela zibe mnandi kanye kwaza kwagqibelela ukuba myoli ukupulapula u Mr. Petros kwi solo yake. Igqityiwe imvumo bapinde kwase tea ni nentwana zama petelo kwatiwa wahlawahlu ngamagalelo ambalwa zabekwa pantsi intonga kwapulapulwa

EZABABHALELI.

[Asizitabeli pezu kwetu inteto zaba Bhalaelani.—EDITOR *Imvo*.]

UMONA.

NKOSI MHLELI WE “ Mvo,” kawundifakele lemigcane kweli pepa le audience. Ukupakama yinina mzi wakowetu ? lomona, nale nzondo. nale ntiyiwano, noluhlebo, nolu moso lwezimilo lwavela pina? Lungaba lwasukela ku Kayini sinina? Ukuba ngaba kunjalo u Kayin waba ndawo na ke beyond the bright blue sky? Hai. Ist envious, lomona usukela ekubeni omnye umntu engenziwe into ezifanelekileyo ezikumnye umntu'. Kanti ke mzi wakowetu ontsundu, Ur omnis Theoiss did not curse us, ukuba bonke abantu bangabi nazo izinto ezilungileyo. (MISSING TEXT)".mzi ite i Bible indoda iyakudla ukubila kwayo. Xa ngaba mzi sakulindela amalungelo amahle sicambalele" ngase buhlanti soze siwafumane? The Bible says, go to the ant thou sluggard and be wise, uyeke ukumonela emva.—2nd. hatred, yavela pina. kwaku Kayinina? then if it be so, did he get any place above the sky? No. Inzondo yiyona nto inkulu omzi wakowetu ukuzondla umntu kungeko sizatu sibonakalayo, bade ngamini itile babhole iqinga bambulale. Uto in Moses ubom ngobom. Lenzondo ide igqibelele kona kofundisiweyo umntu. kutiwe tyini uzipakamisile uzenza irevexu. Wakuteta isi Ngesi hide uhlanga lumfaka i poison, lube ngokwalo lunceda into, kanti hai aluwufumanga umphefumo. Ngenyaniso ndinosizi olukulu umzi awusoze uyifumane incubeko. Ndiza kuyixela i reason.—luya kuyeka imitayi yotywala, nolunxilo kupela. Utywala kwabo ibe yikofu noluselo kangaka i brandy, uti umntu akunxila zipume zonke i manners zake. Yinina luhlanga, pambili, samkubuyela emva taranani madoda lomona, lenzondo, oluhlebo, olumoso. lwezimilo lwavela ekungacubekini. Nibonanje wona amagawanga aWamonatan ngobutyebi. SebENZANI ininzi, into enkulu ingabi kukutwala ingxowa zebhokwe nelanga linge kati rise ukuya kufuna i K. B. (umqomboti). Amanene abelungu akayi enkanti ni futi, tina enkanti sivaya, where is civilization there? let us move forward our Lord will show us the good way, because civilization will lead us to the home above. Mandipelele. ndim,

J. J. BHALELA ELIVINI.

Emiqorweni .Springs, 24th June, 1889.

ITSHATSHI YASE ALVANI.

NKOSI MHLELI, — Kungumngqweni wam ukuba ndikucele nkosi ukuba undifakele lembuzwana ilandelayo epepeni le *Imvo Zabantsundu*. kuma Tshatshi:— I. Kuya funekana ukuba umshumayeli we Lwazi lika Tixo abambe namanxilo emiqombotini, or ezibhurantini? — II. Kulomona lenzondo, silisesesho spinidwe kabini, sigalwe kusasa kanti kuya kubuyez kwaziwze sona ngokuhlulwa?— III. Kulisiko lase Tshatshi na ukuba umntu enze imitandazo yentloko yake etyalikeni ayiyike encenywadi?—IV. Kulungilela ukuba umntu ayinxilele endlini yake i “Saplasti” ezo selebenyela ehlala emncokola nabantu seloya mbete? Tina bantwana abazelewe e Tshatshi asizazi ezonto; sibuzo nje sifuna ubengqina kwi Nkuluz ze Tshatshi ezakulela kulowo rasebenzi. Siyadana sakubona ukushutya komsebenzi apa. Kuti naxa kufike umtandisi omhlope isuke letoliki iti iya tonka; ati umfundisi xa ati, “Our life is uncertain,” ati yena, “Ubomi beta buya pendula.” Ezonto azisixolisi tina. Mandiyike, ndim,

UMTSHATSHI.

OSWELE ISIQINISELO.

NKOSI, MHLELI, we *Imvo Zabantsundu*.— Kaundincede undifakele lemigcane ngosizi endibuhonayo; ukutsho nkosi, bendungazi ukuba namapeza eziqiniselel avatetwa. Kuthixo kufike apa u Joel Ndima, umfo one Honour, wati wapumela e Mtwaku, wavakala esiti ufuna ukuvula isikula, kwatiwa makake abambe kwesangokuhlwa, lati ikaba lalininzi esikuleni ngoku ba sivulwa ngumntu onsesingileyo. Yafundisa indodana leyo nkosi yam, kwati kwasekugququliseni incwadi yesibini kwaziwama, yati kwasekubizeni amagama yabiza ngendlela epambukileyo endingazange ndiyive. Ngokunqumela imnto ende, ndingatwi wati ukugqula ekugama liti born, wati ngumliho; kwabuzwa i Honour ngabalapa, waziboni wawelisa calanye, sati sakutosa abahlo igama lalelekile Mr. Ben Sakuba, komye igama lake ngu Joel Ndima. Uti ngafundisa nase Nqonce, sisela bani mzi wakowetu ose Qonce, nangalamagame ake mane ukuba ningamazina, nangempumelelo yemfundo yake. Mandithonele nkosi yam, ndiyabona ukuba ndintyuntyle, kodwa ukuba bendinexesha bendake ndichaze. Ndim owako.

UMVELI WOHLANGA.

Kimberley, June 23, 1889.

NKOSI, — Ukupendula lencwadi ingasentla ka “Mveli Wohlanga,” ndiyavuya ukuwawa umkondo weziqiniselel zam, ezalahlaka pesheya kwe Neiba. Ndandicele umsebenzi ku Archdeacon Waters wase Sidutyini wandinika, wasuka wati xa abhalela ku Sir Langham Dale ngam watumela iziqiniselel zam. Kanti kudaka kwazo oko. Waba ngabhalele e Kapa k usuke kutiwe zabuyiswa. Ndada ndemka pantsi kwake, naye wabhutha “ Umanzi ” ndingazange ndidibane nazo iziqiniselel zam, ndasendicela u Sir Langham Dale ukuba andenzele i “ Copy ” zazo. Ndima kuvuya kakulu ukuba umzalwgame u Joel Ndima azitumelele apa e Qonce um kwange posi yokuqala. Owako,

BEN SAKUBA.

Kingwilliamstown, July 1, 1889.

BAFUNDISI NIYE PINA?

NKOSI etandekayo kum andimtu ukatazayo, kodwa namhla ndiya kukataza. Nantsi into, kuko into esendine mnyaka elishumi indipete, mhllekazi ndidifakele yona kwelo pepa lamane. Tina singumsebenzi wabafundisi abadala, nabo bonke ababantu bakoyo; basifunela amalungelo komawobo, basimisa endaweni zokuma izikolo, kuba bebhona ukuba sihlilel kubi pakati kwama wetu. Wahamba ke umsebenzi, nerona

zahamba, bavela abashumayeli abanga bhatlalwayo nababhatalwayo, naba vangeli kude kwavela abafundisi beta nabosapo. Wonke ke umzi ude waqonda ukuba lufikile ukanyo, labonwa ilanga. Bate ke bakushenxa yaqala yabangwa imhlaba yezo zikolo, bachitakala abantu, bangena kumafama bahlala imali eninzi kunene, zada zapela inkomo, bebla abantu emfuywene, nomebenzi we Lizwi wondleka nzima. Amadoda amadala adlula nokulima ne nkomo nomhlaba. Ke xa kunjenjenje akuto ndoda ngavelayo isincedna kwande imhlaba kuti? Nditeta kuma nene ase Palamente, azivelise ngoinyo omhle wotande nemfesane; asinadawo umhlaba ulvallekile kuti, kunjalo nje sifumbene simana ukwenziwa inkata. Lento singabonclwayo nanga bafundisi kutenika? Kaloku bati bakufika abadala bacela owakomkulu, izikolo bazipiwa ngabalowo mhlaba, ke mna andicingi ukuba Rulumeni we Lizwi angadlulwa ngama qaba ukucinga. Yilonto nditi bafundisi tetani namawenu, "msani ukusiyekela kwabetu, abana kuteta nala madoda adume kunene ase Palamente. Abantsundu bahamba ngencwadi kwanje ngamagaba, andicingi ukuba lingo ngena izwi labo. Taruni bonjanya bomaneli, mafa ne Nkosi, matwala-ndwe yezulu, velanji zapela igusha zoyihlo. Funzani. Mandipele namhla uxolo. JOHN MAPONDO. Emonti, May 25th, 1889.

ABAXHASI BE "MVO."

Lamagama alandelayo ngamali yamkelwe ngo April no May. Umbulelo wetu kubaxhasi beta abo bamagama siwalandelisayo ngulo " ningadinwa nangoms." Sitsho kunjani :—

Messrs D Dwasub, Tom Zimana, C Rubule, D Bulube, J J Binase, C B Majombozi, R G Mbululu, James Jinda, D Sodobakazi, Mati Tonga, K Mxatala, Africa Mbere, K Ncapayi. W Menze, S Dingiswayo, Joel Jack, Isaiiah Tsoko, Solomon Govo, D Mbaza ; Rev James M Dwane ; Messrs Wm Lutya, James Matshoba. James Gulwa, James Ntongana, Chas Mbiyana, Thomas Bottoman, Mfanzana Manyela, A M Njokweni, D Bolari, M Ngele, Martinns B Mali; Mrs 'Mhalla; (Messrs 0 Mahlutshana, Africa Mazwi, Petros Sidzumo, W B Ghalmers, Peter Hermanus, Cape Govern, ment Railways (adv), John Guzana, James M Kala, Alfred Solilo, R L Magezeni, James Ncapayi; Rev P Mpinja; Mrs Edmund Sandille; Messrs J Makhelhe, Jonathan Makhelhe, W Balfour, Pascoe Bros (adv), John Zamzam, H F Maqamba, Walter Yiba, Hon J H Hofmeyr, MLA; Revs W Philip, John Klaasen, M September, Messrs Thomas Tyamazshe, C B Zwaart, booy, Phil P' Mavavana, John Mgenela, John Mule. Sol Teka, Geo Mgodlandlu, John M Maguga, Tom Gaqa; Rev Samuel Nobe; Messrs Stephen B Zwaartbooy, Thos Hlopeni, Booy Ncapo, John Mankebe; Rev Aaron Mankebe ; Messrs P S Lusasseni, J Kentane, S D Maquina, Ben Mavi, S Sope, la, John Jacob, C Nyombolo, Bas Nguzza, Danti Mbelle, Btokwe Njie, Henry Giba, Cape Government Railways (adv) ; Revs P Keswa, Father Fraser, F G G Kayser, Mies R Makasi; Messrs E Magongo, L Tyali, Thos Matumbu, W Maitela, J Mntuyedwa, E G Mahonga, H Malcomess; Miss D Mdolomba; Messrs Wm Fana, Sami Faba, Sami Mkosana, K J Ganca, E S Makalima, Chief E S Mhlambusi (adv), Rev J M Dwane (adv) ; Messrs Mbulunga Makamba, Z S Mbewana, L Luswazi (adv and subs), J A Ntsiko, Morley Tutu, B H Gqohose, Salem Mti, McKinnon Mabamba, B Zokufa, H C Kildasi, Edward Mityapi, Elias Franz, Philemon Gxaxisa, John Kubukeli, B G Lennon and Co (adv), T Ntibili, Sami J Kutta, B Benton, Nicholas Sibanyone, J M Gundwana, Joel Mabusela, Jacob Matshobana, A Z Siyobi. Wm Mzinjana, P M Lokwe, H Driver, CC and RM, A E Njobe, Sami B Msutwana, D Makohliso, Saul Samson, M Rosendorff, Isaiiah B Mbelle. S Louw, W D Ngeshe ; Revs E L Coakes. Jonas Goduka, H Mtobi, P Masiko, Misses Elia Mtembu and Nquka; Messrs J G Kosani, D Lutuli, C T Martin, Adam Mazwai, J Mgcodo, D D To, I K Maliwa, A Ntyingili; Rev Phillip Xula ; Messrs M K Mtakati, Jy Hanns, W B Mpande, McK T Kali, S M Kumalo, Enoch Fanti, P Magaba, C Mjodi, Wm Rogers (adv), H Matwa, T Make, John James, Thos Mnyamana, J M Dyer and Dyer, A James Xinwa, P J Mayeza, Jinalwana, D Gwelc, J Geingca, Chas Tyatya, Rev J W Stirling (adv & subs), D Lutuli, J Mahonga, Miss S J Ndungane, Messrs D Dwanya, S Matolo, P D Tshacila, (Transkei Teachers Association adv), Chief Ncanywa Zibi, Messrs James Nyanda, Nath Madotlana, H Mtambo, W Lobi, Philip Makasi, Petros B Mateza, J Z Zini, Alfred Balfour, J M Fisher, J D Dengezele, Zech Maya, J M Ngeezula Junr, Songo Mhlebi, M Mbeki, J P Kebe, T Mayisela, S Mdliva, K Mck Kawa, W Mtoba, Jr, Job Motean, Max Gazo, J F Mazamisa, P Rabaza, J M Tslangela, E Nquka, S Chete, C Hlati, C Kupe, Jas Ntloko, K Kayo, Rev J McLaren, Messrs Jonas G Diambulo, P Amosi, Wm Daniel, F M Dlova, Enoch Hlangabeza, Booi Sipuka, Ph Rozani, Thos Ntisan, Josh Solilo, J J Ngeaku, Wm Sobekwa, Palmer Kula, J A Nkovu, Beet Dladla, Andries Keis, P Bosh, P Slinger, Jany Nqayi, W S Mtsewu, C A Nkosana, James Pugh, A Kwatsha, J Dingana, N Keswa, Capt O'Connor R M, Revs J Dewar, D Malgas, J M Dwane, H Matebula & Adam Masiza, Messrs Cekiso Mgabela, Saul Mankzana, Sol Bavenda, Tude Madolwana, John S Mbongwé, E E M Pearce, Wm Mtiyaka, T G Soga, J P Jameson & Co (adv & sub), C G Railway (adv), Pascoe Bros (adv), Kaff Steam Mills, Sh Mshumpela, T S Ngudle, J Qomisa, Mrs Fanny Mchayichayi Mjodi (adv), W Bottrill (adv), Bourke & Marsh (adv), George Kwababana, M Magabela, J Z Nomana, Thos Mnika, Japheth Ned, Sami Mayipase, Rev J Nobanda.

MAY.

Messrs Jonas Songelwa, Kondile Marasha J Myataza, H Lumsden (adv), Sami Mbulawa, Axe Katshane, F Salakutyelwa, Klaas P Luzipo, K Kayo, Ed Ndlangisa, Jos Magunya, J Nkomo, Philemon Sotyatu,

W B Jojozi, T A Ndlazi, P Mtshengu, Z Kondlo, W Kiva, Jno Masiza, J A Maquqo, E J Zaula, J W Mlandu, J McKoy, K Bulingwa, J N Nama, P C Nikiwe George Gray (adv), H Mashiyi, Elijah Mdolomba, Sol Sibene, umfi Sol Sibelekwana, Six Nxele, M M Magabela, Revs R Funani, S Mzamo, John Ngxola, E Nyovane, D Ntlati, W P Momoti, Jacob Maneli, Messrs J W Weir, James Jeremiah, John Nojoko, Thos P Qedazwe, E Nazo, James F Maqamba, G Gordon Figilan, Thos Ngudle, Henry S Shosha, Wellem January, D D Kedama, F Nyembezi, Beni Molefe, Naphali Mastabesha, M B Mphala, R J Mbiwvana, Mrs Joseph Kraai, Messrs W Hogana, W Tn, Jacob Cumming, M Kinasse, W C Gowic (adv), K Mquqo, H R Ngeayiya, A Mtintso, B Ncapo, Morley Tutu, Miss Hope (adv), Messrs Silas Mlameli, Patuleni Kakaza, Mordecai Ndaba, Isaac Kambule, P Mazwi, John Zamzam, Z Qambule, P N Mtshemla, J Collise Matinkina, Sol Mavavana, B V Dunckwerts. Gantsho (adv), Miss H James, Messrs S H Mnyanda, Thos Kiti, C G, Railways, John Langa, John Dlengezele, I H T Resident Commissioner Bastotland, I H T Tamplin, Public Library Port Elizabeth, Miss Sturrock, Rev J W Gawler (adv & subs), Messrs J J Mcaanyanga, A R Welsh C C & RM, Sam Mahlubi, S D Snooke, E W Daines (adv), John Sigenu, John Gaba, Thos Romo, Abram Bali, Mrs M S Dubula, Misses R Makasi Ellen R Mbuntshu, E Macutnela, Messrs Lucas Tyali, Obed Mgodlandlu, Obed Zihlangu, B Qina, Booy Mbengo, Jas Qwabe, S J Giddie, Jno Sigabi, A M Sishuba, Booi Kwaza, Martinus Tyawana, M S Tomeli, W S Kinana, S Mpondo, Jno Klaas, Jacob Dikweni, Rev Gwayi Tyamazshe, Geo R Nomana, R Ayliff, Rev Chas Bekwa, Messrs Elijah Mangqalaza, Thos Ngxwashula, James Gudla, P Q Musandaba.

Ibala Labadlali.

Nge Whitmonday kwakudibene i " Frontier " C.C. yase Qonce ne " Star of Venice " C.C. yase Ncemera. I Frontier yu club entsha equekeke kwi Champions. I Captain ngu Xinwe, Secretary Bopi, and Treasurer W. D. Soga. Le match ligazi lokaqala elipalazwe yi Frontier. Sokangela ukuba kotinna nge season ezayo. Inkwenkwezi yase Ncemera isaya kuqaqamba izingisile ngokudlala. Wozibonela ke inlesii:—

